

PULA IMVUILA

>> GROWING FOOD >> GROWING PEOPLE >> GROWING PROSPERITY >>



EYETHUPA
2014

Ukuqalisa kakuhle kwiibloko zokuqalisa!



Kubaluleke kakhulu ukuba amasimi akho onesicwangciso sokulima kuwo umbona kweli xesha lizayo lokulima uwanike yonke ingqalelo yakho kuselithuba kangangoko unako. Yonke imihlaba kufuneka ilungiswe kakuhle ngokunjalo kutshatyalaliswe ukhula olukhoyo entsimini.

Ukulungiswa komhlaba

Oku kuqhele ukuquka uhlobo oluthile lokuphetulwa komhlaba kwaye kunokwahlulwa ngokwezintlu ezahluka-hlukileyo kuxhomekeka kwindlela eyeyakho osebenza ngayo efama. Zintathu iindlela ezizezona ziqhelekileyo zokuphetula umhlaba:

Ukuphetula umhlaba kwesiqhelo

Le yindlela eseyiqheleke kakhulu kwiminyaka eliqela apho abalimi bebesebenzisa ikhuba le-mouldboard xa kulinywa okokuqala kuze kulandeliswe ngeenkqubo eziliqela zokulima, nokuhlakula xa isityalo sesiphezulu kwaye sikhula. Abalimi banamhla, ubukhulu becala, abasawasebenzisi amakhuba e-mouldboard. Zininzi izizathu ezibangela oku kodwa ubukhulu becala, kukuba akholisa ukushiya intsalela encinane kumphezulu womhlaba, nto leyo enciphisa isixa sezinto ebeziphila kuqala ezibalulekileyo ngaphezu komhlaba. Kukholeleka ekubeni ukunciphisa ukusetyenziswa kwekhuba le-mouldboard, nokwandisa izinto ebeziphila ngaphambili emhlabeni, kwenza ukuba umhlaba ungakhukuliseki kakhulu kanti izinto ebeziphila zityebisa imihlaba, ngokunjalo zigcine amanzi phucukileyo.

Ukuphetula umhlaba okuncitshisiweyo

Oku kukholisa ukwenziwa ngekhuba letshizili kanti le yinkqubo ethandwayo yokuphetula umhlaba kuba kubonakele ukuba oku kushiya ubuncinane be 15% ukuya kwi 30% bentsalela ethe vetshe egqume umhlaba.

Ukuphetula umhlaba ngolondolozo

Oku kuquka iindlela zokulima okukona kuncinane okanye ukulima ngokwemicu kunye nendlela yokungahlakuli. Kwindlela yokungahlakuli, akukho

Imagazini yakwaGrain SA
yophuhliso lwabavelisi

Bala Moteng:

- 03 Ukufaka iodolo yeemveliso zamalungiselelo zeli xesha lonyaka lokulima
- 06 Izinto eziluncedo ngokulima izityalo zemfuza ehlangahlengisiweyo kubalimi abalimela ukuziphilisa
- 08 UMNTU OMTSHA ONGUYE – kwaye usemagqabini kungoku nje!





UMAKHULU UJANE UTHI...

Abalimi banethuba elincinane lokuphumla – kule nyanga iphelileyo benisavuna isityalo sexesha elidlulileyo ngoku kwanina seniqalisa ukulungiselela isityalo esilandelayo. Lo ngumjikelo wobomi kwaye ufanele ukuqhuba ngolo hlobo. Hayi intsikelelo engako esinayo yokwazi ukuba kulo nyaka liza kuna kwakhona kwaye siya kukwazi ukutyalala esinye isityalo!

Umba obaluleke kakhulu malunga nokufama okulondolozekayo ubandakanya ukusetyenziswa kokujikeleziswa kwezityalo okulungileyo okubandakanya imidumba. Abalimi beefama ezinkulu bayakwazi ukusebenzisa iqela lezityalo ezahlukahlukileyo kujikeleziso njengoko phantse nantoni inako ukuthengiseka. Nangona kunjalo, kukwalungile kubalimi abancinane ukulima imidumba enjengeembotyi kuba inako ukongezwa kwizidlo zosapho. Iintsapho ezininzi ziyazisebenzisa iimbotyzi kwizidlo zazo kanti ezi imbotyzi ezomileyo zilimeka ngempumelelo kwiindawo ezininzi zaseMzantsi Afrika. Imidumba iyalunga kakhulu kujikeleziso lwezityalo njengoko zona zinamagqabi abanzi logama umbona wona uyingca nto leyo ethetha ukuba ukhula olutshabalaliseka nzima emboneni (njengengca) lulawuleka lula ezimbotyini. Kanti imidumba idala initrogen emhlabeni ukuze isebenziseke kwisityalo sombona esilandelayo – ngale ndlela unako ukucutha iimfuneko zezichumiso ngokunjalo ucithe izityalo zakho zeemveliso.

Ukuba akuqinisekanga ngokulima ezinye izityalo (ezinjengeembotyzi), zizame kwindawo encinane ukuze uzifunde ezi zityalo wazi nokuba isityalo eso silondolozeka njani kwaye nenzuzo yaso ingakanani.

Abalimi bakhulisa ukuba semngciphekweni wokuba nemali elingene idiesel, imbewu nesichumiso kuphela baze balime isityalo ngaphandle kwemichiza babe bengenayo nenye imali yomaleko wangaphezulu. Kubhetele ukulima kwindawo encinane ube usazi ukuba unemali elingeneyo yokukwenza oko ngocoselelo kunokulima indawo enkulu kodwa ugqibele ngokufumana isivuno esincinane. Kanti kulusizi ukubona abalimi behendeka ngokufuna umhlaba othe chatha kunokuba iitrektara zabo zinokukwazi ukusetyenziswa kuwo – kanti nesityalo asilungi kakuhle ngenxa yesi senzo kuba ugqibela ngokwenza yonke into emva kwexesha. Zama ukulima indima ekulingeneyo ukuze yonke into uyicoselele ngokunjalo ufumane izivuno ezilungileyo emhlabeni onganeno kuba oko kuya kukunika iinzuzo eziyakwenza ukuba ukwazi ukukhulisa isishishini lakho.

Into onayo yisebenzise kakuhle ngenene kwaye uphuhlise ifama yakho neenzuzo ozifumanayo – lo ngumgaqo olondolozekayo.

Ukuqalisa kakuhle kwiibloko zokuqalisa!

zinkqubo zesiqhelo zokulima kwaphela kwaye imbewu yexesha elitsha lokulima ibekwa ngqo kwintsalela yesityalo sexesha elidlulileyo. Ezinye iindlela zokulima okucuthiweyo zibhekiselele ekuwuphethuleni kancinane kangangoko umhlaba umzekelo, ukulima ngokwemicu, ngumcu omxinwa kuphela wentsimi olinywayo apho kulinywa umcu wesityalo kuphela oza kutyalwa. Iindlela zolondolozo kulindeleke ukuba zishiye ubuncinane be 30% kubukho bentsalela emhlabeni.

Phambi kokuba usebenzise ukulima ngolondolozo qaphela okulandelayo:

Kubalulekile ukuba abalimi baqonde ukuba ukuguqula iindlela akwenzeki ngemini enye kodwa yinkqubo. Omnye wemibandela ebalekele kakhulu kukufumanisa ukuba ingaba akukho kugangatheka komhlaba okwandayo na okwenziwe likhuba emhlabeni emva kweminyaka yezenzo zokufama ngokulima ngendlela yesiqhelo. Oku kunokufunyaniswa ngokwemba imingxuma okanye ngokusebenzisa isixhobo sepenetrometer. Ukuba umaleko onjalo ukhona, kufuneka uqhekezwe ngokuwukrazula kubunzulu obufanelekileyo. Ukuba oku akwenziwa akusayi kufumana zinzuzo zizizo kwindlela yokufama ngolondolozo njengoko iingcambu zingakwazi ukudzulela enzulwini ngendlela efanelekileyo kanti nomhlaba awunakukwazi ukugcina isixa samanzi ngendlela elindelekileyo.

Phofu, kubalimi beendawo ezidityanelweyo, ukutshintshela kule migaqo iphuculiweyo yokufama kuza neningeni kuba xa imfuyo yendawo ifikelela kula masimi, iyitya yonke intsalela eabisekileyo yezinto ebeziphila ezingaphezu komhlaba. Le ngxaki kungafuneka ukuba ilawulwe phucukileyo kwixesha elizayo njengoko ukulondolozwa kwempilo entle yomhlaba nokufuma komhlaba kuya ngokubaluleka njengoko sifunda ukumelana neeyantlukwano zezozulu kunye neembalela ngokunjalo namanqanaba anciphileyo emvula, ziimeko ezisixhaphakile kule nxenye yethu yehlabathi.

linkxalabo zezokusingqongileyo ezinxulumene nokulungiswa komhlaba

Ukhukuliseko lomhlaba

Ababhali bePula Imvula bakuphinda-phindile ukubhala ngale nxxalabo endundoqo yezokusingqongileyo ngakumbi ukususela ekubeni ibisuke yayingxaki enkulu eMzantsi Afrika. Bambalwa kakhulu abalimi abaqondayo ukuba le ngxaki inobuzaza kuba kaloku sidinga umhlaba oxabisekileyo ongaphezulu ukulima imveliso yethu kodwa lo mhlaba ukhukuliseka ngonyaka ngamnye. Enyanisweni, nabalimi banegalelo kukhukuliseko lwawo ngenxa yendlela abawuphatha ngayo umhlaba! Ukhukuliseko lomhlaba yinkqubo eyindalo eyenzeka xa umoya okanye amanzi esusa umhlaba ongaphezulu uze uthuthelwe kwenye indawo kanti unako ukukhukuliseka ngesantya seetoni eziliqela ngehektare nganye ngonyaka.

Ukhukuliseko olwenziwa ngamanzi

Lubangelwa kukuququqela kwamanzi okanye ngamandla okuwa kwamathontsi emvula emhlabeni ngakumbi xa umhlaba ungenakhuselo olunikwa luhlaza, oku kuyingxaki kunaxa belukhona ukhuselo lomphuzulu womhlaba.

Ukhukuliseko olwenziwa ngumoya

Yingxaki eyenzeka kakhulu kwimimandla yomoya – kanti oko kuchaza imeko yaseMzantsi Afrika uphelele, ize iphinde iqatsele kwizithuba ezikhulu, ezivulekileyo zaseFree State nakwiPhondo laseMntla Ntshona.

Ifuthe lokukhukuliseka komhlaba linobuzaza kakhulu kodwa bambalwa abalimi abazikhathazayo ngalo kuba alubonakali lula kwaye abakwazi kwenza mlinganiselo wemihlaba yabo engaphezulu. Nangona kunjalo, ethubeni kuya kubakho ubungqina obulandelayo:

- Amanqanaba aphantsi okuchuma;
- Ukuphuhla kwemijelo nemifula emasimini okanye kufuphi nawo;
- Ukunciphisa kokungenelela kwamanzi emihlabeni;
- Ukwanda koqweqwe lomhlaba; kananjalo
- Ukwanda komququqelo wamanzi emvula.

Ulonolozo yeyona ndlela ilungileyo yolawulo nenciphisa ukhukuliseko kanti njengomkhwa ekulula ukuwulandela, noneendleko eziphantsi, lunokuba nefuthe elikhulu ekunciphiseni izixa ezikhukulisekiswa zemihlaba engaphezulu.

Ukutshatyalaliswa kokhula

Phambi kokutyalala, ibalulekile inkqubo “yokutshisa” ngemichiza ukuze kubulawe ukhula oluseyimbewu nolunokuminxanisa isityalo ngokunjalo lukhuphisane naso ngamanzi nangezondlo ezisemhlabeni. Ukhula lusoloko lukhula ngokulondolobala kwaye “lusenokuzixhaphaza” izityalo eziselula kwixesha elitsha lokulima izityalo ukuba alutshatyalaliswanga ngocoselelo. (Kukho iziphumo ezitsala umdla kumalinge aqhutywe nguJurie Mentz waKwaZulu-Natal kwinqaku ebelibhalwe nguGavin Mathews iphepha 6 kule magazini yePula Imvula ezineenkukacha ezibanzi onokuzithanda nawe.)

Yiba soloko ukhumbula ukuba xa ufuna ukugqibezela kakuhle ngokunjalo uluphumelele ugqatso ekugqibeleni, jonga imbaleki ezilungiselela nzima kwixesha elide isebenza iyure ezininzi ebaleni, ejimini nangokutya ngendlela efanelekileyo; isenzela ugqatso lwexesha elifutshane kakhulu, nomlimi ufanele ukwenza njalo nqo xa elungisa imihlaba, etshabalalisa ukhula naxa ekhulisa umbona wakhe kulo lonke ixesha lokulima ukuya kwixesha lokuvuna ukuze impumelelo ifumaneke kangangoko kunokwenzeka.

Inqaku linikelwe nguJenny Mathews, umbhali kwiPula Imvula. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: jenjonmat@gmail.com.



Ukufaka iodolo yeemveliso zamalungiselelo zeli xesha lonyaka lokulima

Ukuvunwa kwezityalo zakho kubonakala ngathi kusandul' ukugqitywa kwaye sesijongene nokwenza izigqibo ngeemveliso yamalungiselelo exesha elizayo lokulima. Abanye abalimi ngebefumene ummangaliso ongaqhelekanga wombona, ojongilanga, iimbotyi zesoya, amazimba, ezinye izityalo ezifana namandomngomane, iimbotyi zamasimi awomileyo kunye nezityalo zefula eziibhali zemfuyo.

Izivuno ezifunyenwe kutshanje emasimini awomileyo ziya kubonakalisa imvula enileyo ngokunjalo nesichumiso esifakiweyo, imbewu, imichiza etshabalalisa ukhula, imichiza etshabalalisa izinambuzane kunye nezinye iimveliso zamalungiselelo ezisetyenzisiweyo. Abalimi abankcenkeshayo nabo baya kudinga ukuhlalutya nzulu nayiphi imibandela yolawulo neemveliso zamalungiselelo ezidinga ukulungiswa okanye ukuphuculwa.

Kusoloko kuyinto efanelekileyo ukujonga imveliso nganye yamalungiselelo nokukwazi ukufumanisa ukuba ingaba kufuneka imveliso ethe kratya okanye enganeno okanye eyahluke ngokupheleleyo na ukuze imveliso yesityalo eza kufumaneka ibe yileyo ebinokufumaneka eyiyona iphucukileyo.

Makathi efika esiphelweni uAgasti lube seluqoshelisiwe ucwangciselelo ukuze kuthethwe nabo bonke abathengisi beemveliso zamalungiselelo malunganezixaezicetyiswayo kunyeneendlekozazo.

Ucwangciselelo oluneenkukacha

Ucwangciselelo oluneenkukacha lunokuqaliswa ngenyanga ka-Agasti ngokuqwalasela iintlobo zomhlaba kunye nesakhono somhlaba ngokunjalo nezona ndawo ekuza kulinywa kuzo umbona okanye ezinye izityalo. Ukuba kufuneka uthathe iisampulu zomhlaba ufanele ukuzinikela phambi kokuba uAgasti abe sesiphakathi ukuze ukhawuleze uzifumane iziphumo. Iilabhoratri zomhlaba ziyaphuphuma ziisampulu ngeli xesha lonyaka. Ezi nkukacha zinokusetyenziselwa ukulungiselela uhlalutyo olubanzi lwesityalo ngasinye. Ingeniso inako ukuqikelelwa ngokusebenzisa izivuno ezinokubakho kunye namaxabiso eSafex ukuze kufunyaniswe ukuba ngaba isityalo siya kuba nenzuzo na okanye akunjalo.

Iintlobo ngeentlobo zeendleko ezingqalileyo ezifana nembewu, isichumiso, imichiza etshabalalisa ukhula nemichiza etshabalalisa izinambuzane mazihlalutye ngokuqaphela kwaye kugxininise kwisixa esithe ngqo semveliso nganye efunekayo. Iindleko zeemveliso zamalungiselelo ezifuneka ngeehektare nganye zinokuba phakathi

kwe-R5 000 ukuya kwi-R7 000 ngehektare nganye okanye nangaphezulu.

Konke oku kulingana notyalo-mali olukhulu lwe-R500 000 ukuya kwi-R700 000 ngeehektare eziyi-100 ezilinye.

Imbewu

Abalimi bombona bafanele ukuqwalasela amanani ezityalo ngokunxulumene nesakhono somhlaba nangokuba ingaba kuza kulinywa umbona onemfuza ehlanga-hlengisiweyo (iGM) okanye umbona wesiqhelo na. Eso sigqibo siya kukhokelela kwimichiza enokukhethwa yokutshabalalisa ukhula okanye izinambuzane. Imigaqo yokuphethulwa komhlaba eqhelekileyo okanye esetyenziswa ngoku nayo iya kuba nefuthe kweyona nto eyimfuneko. Umbona weGM ubekwa ixabiso ngokokhozo phantse yi-R0,04. Izivuno ezahluka-hlukileyo zemihlanganisela zefama yakho zinako ukusetyenziswa xa kukhethwa imihlanganisela echanekileyo. Xa uzifaka kwangoko iiodolo zembewu kubathengisi unako ukuqiniseka ngokufumana eyona mbewu ithandwayo yemihlanganisela kunye nobukhulu bembewu obufanele izixhobo zakho zokutyala. Kubaluleke kakhulu ukwenza isicwangciso sokuthenga imihlanganisela yombona engeyoyeBt eyimfuneko kumaxa athile okulima kwiindawo zokuphephela okanye emacaleni eebloko ezingundoqo zombona weBt. Oku kubambezela ukwanda kokumelana kwezinambuzane neentlobo zeBt.

Isichumiso neKalika

Iisampulu zomhlaba zinokuhlalutya ngumlimi, ziingcali kwezemihlaba naziirhente zezichumiso ukuze kusetyenziswe imixube echanekileyo yenitrogen, iiphosphate nepotassium. Amaqumrhu athengisa izichumiso aya ngokuthi kratya ngokwenza imixube ethile ehambelana namasimi kunye nezityalo ezahluka-hlukeneyo. Ngoko ke kubalulekile ukukwazi ukuthenga umxube ochanekileyo weemveliso kwifama yakho phambi kwexesha elilelona lilungileyo lokutyala. Ukuminxwa ziiodolo ezingekasiwa kwiindawo zokuxuba kusenokubangela iindleko ezinexabiso eliphezulu kakhulu xa wena ungakwazi okulima isityalo sakho kuse-lithuba. Malunga nokulinywa kombona ukuxuba nokwenza izicwangciselelo ngeendlela ezingafaniyo ukwenzela imixube yenitrogen nako makuthathelwe ingqalelo.

Ukuba wenza isigqibo sokufaka ikalika kwamanye amasimi, nawo lo msebenzi kufuneka ugqityiwe phakathi kuAgasti okanye

kuSeptemba ngokuzithathela ingqalelo iimeko ezisentioko zomhlaba.

Ukutshatyalaliswa kokhula nezidalwanana ezonakalisa izityalo

Ngokunjalo ucwangciselelo lwenkqubo emanyanisiweyo yokutshatyalaliswa kokhula nezidalwanana ezonakalisa izityalo malwenziwe ngokweentlobo zembewu nangokwemigaqo eza kusetyenziswa yokufaka izichumiso. Kubalulekile ukuhlalutya amasimi akho nomcebisi othengisa imichiza ukuze ezona ngxaki zizizo malunga nokhula zichongeke kwintsimi nganye. Inkqubo ekhethiweyo yokutshiza ifanele ukuhambelana nenkqubo yokujikeleziswa kwezityalo ukuze kuthintelwe nakuphi ukonakala okunokwenziwa yintsalela yemichiza kwizityalo ezikwimijikeleziso yakho.

Abathengisi beemveliso zamalungiselelo

Eli likwalixesha lokuhlalutya ubudlelane bakho nabathengisi abahluka-hlukeneyo malunga nesakhono seemveliso nangamanqanaba enkonzo efunyenweyo. Qiniseka ukuba ufumana amaxabiso abekwayo amabini nangaphezulu ngazo zonke iimveliso ezifunekayo. Imidibaniso efanelekileyo ngakumbi kwiinkqubo zezitshizi zemichiza iguquguquka kwixesha ngalinye lonyaka.

Isiphetho

Ukwenza izicwangciso kwangethuba kuya kuku-vumela ukuba ukwazi ukwenza amalungiselelo eenkxaso-mali eziza kudingeka kumaxesha amatsha okulima izityalo ngokunjalo nokuzifumana esandleni zonke iimveliso zamalungiselelo phambi kwexesha kakuhle kungekaqaliswa ngokulima.

Inqaku linikelwe ngumlimi othathe umhlala-phantsi.



Ukuhlola nokukhanda iitrektara noomatshini bokutyala phambi kwexesha lokulima

Kutheni kufuneka itrektara yakho noomatshini bekhandiwe kwaye bahlolwe phambi kwexesha lokutyala okanye lokulima?

Ukuba itrektara yakho iyaphuka ngeli xesha, enyanisweni uneengxaki ezimbini:

1. Kulahleke ixesha elixabisekileyo.
2. Ukwaphuka okunjalo kuya kuba neendleko ezininzi.

Ukuba akubuhloli ubuyekeyeke kwiklatshi, iklatshi isenokuphuncuka ukuze kufuneka ukuba ivulwe itrektara ngenjongo yokuyikhanda.

Oku kungathetha ukuba itrektara ayisebenzi kwiintsuku ezintathu ukuya kwezine kuba ikhandwa. Ngeli xesha ubunokwenza umsebenzi omninzi wokutyala okanye wokulima. Kuduru ukutshintsha okanye ukukhanda iklatshi.

Xa lingahlolwa ibhanti lefeni yetrektara, linokuqhawuka libangele umonakalo omkhulu. Injini ingaba shushu ngokugqithisileyo, ukuba akumisi msinyane, ingacima. Ukukhanda injini enjalo kuduru kakhulu, kwaye umatshini wakho uza kuba umile kwiintsuku eziliqela.

Umzekelo wokukhanda nowokuhlola

Ukuba itrektara seyiza kufika kwixesha layo lokufumana inkonzo, mayikhandwe kwangoko kungalindwa ukuphela kokulima, njengoko lingenakubuya ixesha elixabisekileyo elichithekileyo.

Iitrektara zifumana iintlobo ezimbini ze-enkonzo: inkonzo eyenziwa emva kweeyure eziyi-200 ukuya kweziyi-300, kanti inkonzo ebanzi yenziwa qho emva kweeyure eziyi-1 000.

Inkonzo yeeyure eziyi-200 ukuya kweziyi-300

Le nkonzo iquka ukufunxwa kweoyile yenjini kuphela. Ioyile yebhokisi yeegiyeri, idifferential, iziqhubi ezisekugqibeleni kunye nedifferential engaphambili ziyahlolwa kuphela.

1. Tshintsha ioyile yenjini nezihluzi.
2. Tshintsha izihluzi zedizili.
3. Coca izihluzi zomoya. Ukuba kukho amathandabuzo, zitshintshe.
4. Hlola amanzi ebhetri, iipali mazicoceke kakuhle uqiniseke ukuba ibhetri ibotshelwe kakuhle.
5. Iradiyetha mayicoceke, kungenjalo itrektara ingashushu.
6. Inqanaba lamanzi kwiradiyetha malilungelelane ngokuphakama kwaye ibe nesixa esaneleyo sesichasi sokukhenkca.
7. Ibhanti yefeni mayibe kwimeko elungileyo.



Ubuyekeyeke kwiklatshi.



Isikrini sokhuseleko se-pulley.



Iradiyetha mayicoceke.



Tshintsha isihluzi sedizili ngexesha lokukhanda.



lipali zebhetri mazicoceke kwaye ziqine.



Izinyatheli zeebriki mazilungelelane kwaye zinxulumane.

8. Qiniseka ukuba ibhanti yefeni iqine ngokwaneleyo, kungenjalo ingaphuncuka ize ibe shushu injini kakhulu.
9. Yonke imibhobho yerabha mayibe kwimeko elungileyo iiklempu ziqine.
10. Qiniseka ukuba iibheringi zamavili zilungelelene ngokuchanekileyo ngokunjalo iibheringi zinegrisi eyaneleyo.
11. Iklatshi mayibe nobuyekeyeke obulungileyo okanye kulungelelaniswe ukuphakama.
12. Lungelelanisa iibreki ekuphakameni okulinganayo ukuze zibambe ngexesha elinye. Izinyatheli maziqhagamshelane kunye.
13. Qiniseka ukuba ibriki yesandla isebenza kakuhle.
14. Amathayara makabe kwimeko elungileyo noxinzelelo lwangaphambili nolwanga-semva luchaneke.
15. Qiniseka ukuba zonke iinathi zamavili ziqinisiwe.
16. Qiniseka ukuba izibane zangaphambili nezangasemva zisebenza kakuhle ukuze itrektara ibonakale ngokucacileyo.
17. Faka igrisi kuzo zonke iincam zegrisi.
18. Qiniseka ukuba iibholiti zentsimbi yokutsala ziqinile.
19. Zalisa itrektara ngedizili ukutshona kwelanga, oku kuya kuthintela amathontsi abumbeka etankini, ukuze kungabikho manzi angena kwisixokelelwano sesibaseli.
20. Yiba soloko uqwalasela nakuphi ukuvuza kweoyile, idizili okanye amanzi uze ukulungise oko.

Eyona nkonzo yokulungisa ebanzi eyenziwa qho kwiiyure eziyi-1 000 mayenziwe ngumthengisi.

Umsebenzi wesiqhelo wemihla ngemihla noweveki nganye

Ezinye izinto kwitrektara yakho mazihlolwe yonke imihla okanye qho ngeveki.

Yonke imihla

1. Hlola inqanaba leoyile.
2. Hlola inqanaba lamanzi eradiyetha.
3. Qiniseka ukuba iradiyetha icocekile kwaye akukho nkunkuma ethintela ukungena komoya.
4. Qwalasela ukuvuza kweoyile.
5. Qwalasela ukuvuza kwedizili.
6. Qwalasela imeko yebhanti lefeni nokuthi ngaba liqinile na.

Qho ngeveki

1. Qwalasela yonke into ekuludwe lwemihla ngemihla.
2. Qwalasela iitheminali zebhetri uqiniseke ukuba zicocekile kwaye ziqinile.
3. Qwalasela amanqanaba amanzi ebhetri.
4. Qiniseka ukuba izihluzi zomoya zilungiswe kakuhle kwaye zicocekile.
5. Vavanya iibriki ukuze ubone ukuba zisebenza kakuhle na.
6. Qwalasela iibheringi zamavili angaphambili ngokuzidalisa okanye uzilungelelanise ukuba kukho imfuneko.
7. Qwalasela uxinzelelo lwawo onke amathayara.
8. Qwalasela ubuyekeyeke beklatshi.
9. Faka igrisi kuzo zonke iinxenye ngokommiselo wazo.
10. Coca itrektara.

Amacebiso okhuseleko ngomqhubi wetrektara

1. Umqhubi wetrektara ngamnye makabe nelayisensi esebenzayo yokuqhuba.
2. Makungakhweliswa mhambi, ngaphandle kokuba itrektara inesihlalo somhambi.
3. Zonke izikrini zokhuseleko mazibe sendaweni efanelekileyo kwitrektara nakoomatsini. Qiniseka ukuba izigqumathelo zeshafti yePTO zimi kakuhle.
4. Mayithotyelwe yonke imimiselo yendlela.
5. Umqhubi makangaqhubi ephantsi kweempembelelo zotywala okanye zeziyobisi.
6. Yiba soloko uqaphela kwaye unenkathalo,

ukhumbule: itrektara ayenzelwanga mendlu, yenzelwe amandla.

Ukuhlola nokukhanda umatshini wokutyala/wokulima

1. Qiniseka ukuba iibholiti zentsimbi yokutsala nazo zonke ezinye iibholiti eziqhotyoshelwe kwisakhelo ziqinile.
2. Ukuba ngumatshini wokutyala oqhutywa ngumoya, impempe mayiqwalaselwe ngocoselelo.
3. Ukuba luhlobo lwebhokisi ye-gravity, ibhokisi mayiqwalaselwe ngocoselelo ukuqinisekisa ukuba yonke into isebenza kakuhle.
4. Coca ibhokisi ngononophelo phambi nase-mva kokuyisebenzisa.
5. Qwalasela ukuba imibhobho yembewu neyechumisi yonke ayivuzi uqiniseke ukuba iqiniswe kakuhle.
6. Umphongoma wokusasaza mawuqwalaselwe kwaye ucocewe.
7. Lungisa ukonakala qho kwiindawo ezisekudibaneni xa kukho imfuneko.
8. Qiniseka ukuba amavili oxinzelelo namazinyo alandelelana ngokuchanekileyo kungenjalo kungakho iingxaki malunga nomandlalo wembewu.
9. Khumbula ukuphakamisa umatshini wokutyala emhlabeni xa ujika kungenjalo amazinyo angajijeka.
10. Onke amatsheyini mawahlolwe atshintshwe xa kubonakala ukonakala.
11. Qwalasela iibheringi uzitshintshe xa kukho ukuthandabuza.
12. Kwakhona vavanya iibheringi zamavili oxinzelelo uze uwalungelelanise xa kukho imfuneko.
13. Faka igrisi kuzo zonke iincam zegrisi yonke imihla, njengoko ezi nxenye zisebenza eluthulini.

Inqaku linikelwe nguJurie Blom, uMkhandi oithathe uMhlala-phantsi nongumbhali wePula Imvula. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: jurieblm@gmail.com.

Izinto eziluncedo ngokulima izityalo zemfuza ehlanga-hlengisiweyo kubalimi abalimela ukuziphilisa



Ilinge laseDukuza – abalimi bendawo njenge-mbumba yamadlelane.



Ilinge laseDukuza – indawo engatshizwayo.



Ilinge laseDukuza – ukungawuphethuli umhlaba namasimi acocekileyo.



Amasimi acocekileyo kwilinge lase-Emangweni.



Ilinge lase-Emangweni – uPatrick Nxumalo umi kwiplothi yentsimi yakhe.



Ilinge laseMhlungweni – umonakalo owenziwe lilishwa lesichotho.



Ilinge laseMhlungweni – ukuphuma kwamanqu-ma emboneni phambi kokuba isichotho sitshalalise esi sityalo.

Njengoko sekumiselwe amaqela ofundo-nzulu kulo lonke ilizwe, maqela lawo aqhutywa ngeNkqubo yaseGrain SA yoPhuhliso lwabalimi, siqaphela ukuba kukho inkqubela ekhawulezileyo malunga nemigaqo kunye namacebo asetyenziswa ngabalimi abaninzi abalimela ukuziphilisa.

Kuyakhuthaza kwaye kunika umdla ukubona abalimi abasahlumayo bengazoyikiseli ekulandeleni iindlela ezintsha zokwenza izinto ezisetyenziswa namhla. Kweli nqaku siza kuqwalasela iziphumo nezinto ezifunyaniswe kumalinge abalimi abalimela ukuziphilisa kwiphondo laKwaZulu-Natal. Alishumi amalinge aququzelelwe nguJurie Mentz waseGrain SA, nawo agqaliselwa ubukhulu becala kwizinto eziluncedo ngokusebenzisa umbona weRoundup Ready ngokuhlanganiswa nezenzo zokuwuphethula kancinane kangangoko umhlaba ngokunjalo nokusetyenziswa kwemichiza ngobuchule.

Ilinge laseDukuza ngaseBergville, KwaZulu-Natal

Eli linge lenziwa ngokusebenzisa izenzo zokungaphethuli-mhlaba. Phambi kokulima, bekukho ingca eninzana engafunekiyo, eyaziwa ngokuba yi-*kweek*. Kweli linge, kulinywe umbona weRoundup Ready ngokwenqanaba lokufakwa kwembewu lezi-tyalo eziyi-45 000 ngehektare nganye. Ngethuba lokulima, kufakwe iRoundup Powamax yeelitha eziyi-1,7 ngehektare nganye. Oku kube luncedo ekutshiseni ukhula kangokuba lube luncinane kakhulu ukhutshiswano ngethuba lokuhluma kombona. Umbona uqhube kakuhle kwibanga lasekuqaleni lokukhula. Uthe xa ufika edolweni ngobude kwaphinda kwafakwa ezinye iilitha eziyi-1,7 zeRoundup ngehektare nganye. Oku kwenziwe ngexesha elinye nokufakwa komaleko ongaphazulu wesichumiso ongange-200 kg LAN ngehektare nganye.

Phantse kwiintsuku eziyi-60, yaphinda yabuya ingca engafunekiyo ngokunjalo nokhula olubizwa ngokuba 'yi-morning glory', ngoko ke kuphinde kwafakwa ezinye iilitha eziyi-1,7 zeRoundup ngehektare nganye ngokunjalo ne-24D eyaxutywa nazo. Isiphumo selinge saba sihle xa sikhumbula ukuba ukhula beluluninzi kangakanani ngexesha lokulima. Iphinde yakho nengcinga ethi ngekubhetele ukuba

bekufakwe ithamo leRoundup kwiiveki ezi-2 phambi kwexesha lokulima.

Okubalulekileyo:

- Eli linge libonise ukuba akukho sidingo soomatshini abakhulu bexabiso eliphezulu bokutyala imbewu ye-GM kwiimeko ekungaphethulwa mhlaba kuzo.
- Ukutyala kwenziwa ngokusebenzisa amagaba okutyala. Aba matshini banengxowa yembewu ejinga egxeni ukuze xa igaba litshona emhlabeni kuphume imbewu ngokobunzulu obumiselwe kwangaphambili.
- Konke ukutshiza kwenziwe ngesandla ngezitshizi zehapulusaka.
- Akukho trektara efakwe entsimini kodwa kufumaneke isityalo esilungileyo ngokwesiqhelo ngokusebenzisa izixhobo ezifanelekileyo.

Ilinge lase-Emangweni kufuphi e-Estcourt, KwaZulu-Natal

Eli linge lenziwa eplothi kaPatrick Nxumalo oneminyaka emihlanu waba lilungu leqela lofundon-zulu leGrain SA e-Emangweni nothe wawuphucula umsebenzi wakhe wokufama kakhulu ngokuhamba kweminyaka. Iplothi yalungiswa yaze yaphethulwa ngethuba lezikotile kuphela. Emva koko kulinywe ngamagaba okutyala imbewu yombona weRoundup ngokwesixa sezityalo eziyi-45 000 ngehektare nganye. Njengoko umhlaba wentsimi ubukrazulwe bekungekho mfuneko yokufakwa kwemichiza yokutshabalalisa ukhula. Emva kokuhluma kokhula, kufakwe iilitha eziyi-1,7 zeRoundup Powamax ezihlanganiswe nesitshabalalisi sezinambuzane iKarrare. Emva kweentsuku eziyi-40, kufakwe ezinye iilitha eziyi-1, 7 zeRoundup kwaze kongezwa nepesenti encinane ye-24D kuloo mxube. Ukhula belungongamelanga kangako kodwa belubonakala eplothi. Kulandeliswe ngokugalela i-200 kg yeLAN njengomandlalo wangaphezulu xa umbona ubumde kangange-30 cm. Konke ukutshiza nako kwenziwe ngesandla kule plothi ngokusebenzisa isitshizi sehapulusaka.

linkcazo:

- UMnu Nxumalo ufumene isityalo esihle kolu vavanyo.
- Imichiza yeRoundup kunye nembewu yeRoundup ziqhube kakuhle.
- Amalungu eqela lofundon-zulu lase-Emangweni aphinde avuyiswa kukuqalisa ngokusebenzisa iimveliso emasimini abo kweli xesha lizayo lokulima.

Ilinge laseMhlungweni kufuphi neNtabamhlophe, KwaZulu-Natal

Kweli linge kwakulinywe kwenye yeeplothi ezinkulu



eazilawulwa nguMnu Mtshali weqela lofundo-nzulu laseNtabamhlophe. Kwalinywa umbona we-Roundup ready ngokusebenzisa irektara nesixhobo sokutyala sexesha langoku esineencam ezintathu. Intsimi yalungiselelwa ngetrektara nangekhuba lezikotile kodwa ukutshiza kwenziwa ngesandla.

Ngexesha lokulima, kufakwe iilitha eziyi-1,7 ze-Roundup Powamax ngehektare nganye kunye ne-100 ml yeKarate ngehektare nganye. Isityalo sikhule kakuhle kakhulu kanti ukhula lwadodobalaliswa ngempumelelo. Kwiintsuku eziyi-35, kuvele ukhula, ngakumbi i-water grass ne-crab grass. Ngenxa yesi sizathu, kuphinde kwagalelwa ezinye iilitha eziyi-1,7 ngehektare nganye yeRoundup kwaze kwagalelwa nomxube weCervion.

Okuqwalaselweyo:

Imichiza isebenze ngokubalaseleyo kwaye isityalo sabukeka sithembisa ngenene, kwade kwafika isichotho esaba lilishwa nesabangela umonakalo ombi weenozo sezikwibanga lokuhlohleka. Okulusizi kwaba kukuba sithi isityalo besithembisa sisuke sitshabalale kwaze akwaqutywa ngohlalutyi kweli linge.

linkcazo ngokubanzi

- Kuwo onke amathuba amalinge bekukho iimpawu ezinika ithemba nenkuthazo eyenziwa zezi zenzo.
- Uninzi lweeplothi ezilishumi zovavanyo lube nempumelelo kunyaka wokuqala.
- Isiphumo esisesona sithembisa kakhulu kuzo zonke luluvo olunika ithemba lokuba onke amalungu amaqela ofundo-nzulu anesakhono sokukhathalela amasimi awo ngokusebenzisa imveliso zanamhla ezifana neRoundup.

Xa kusetyenziswa imichiza yeRoundup kubalulekile ukukhumbula oku:

- Imichiza yeRoundup yitshize kwimbewu eqinisekisiweyo yeRoundup ready kuphela.
- Linye kuphela ixesha apho kukhuseleke khona ukusebenzisa imichiza yeRoundup ngaphandle ngokulima imbewu yeRoundup, kuxa sekuziiveki ezimbalwa isetyenziswa kwangaphambili njengonyango lokutshisa.
- Elona xesha lifanelekileyo lokutshiza iRoundup kuxa ukhula likwibanga lwalo lokukhula kwaye lulude kangange-10 cm.
- Inesakhono esisesona sihle xa ukhula luhlaza kwaye lungatshanga.
- IRoundup ngumchiza ongakhethiyo ngoko ke inefuthe kwiintlobo zokhula ezininzi, mhlawumbi zonke, entsimini.
- Kubaluleke kakhulu ukusebenzisa amanzi acocekileyo kunye nesongeso sokuthomalalisa xa kuxutywa imichiza njengoko isenokungasebenzi xa inqanaba lePh lingachanekanga ngenxa yamanzi amdaka.
- Khumbula:
 - Yiba soloko uyiphatha ngenkathalo imichiza;
 - Yigcine kude ebantwaneni; ngokunjalo
 - Hlamba izandla zakho emva kokuyisebenzisa.

Inqaku linikelwe nguGavin Mathews, onesiDanga kuLawulo loBume obusiNgqongileyo. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: gavmat@gmail.com.

I Grain SA kudliwano-ndlebe... noDaliwonga Nombewu



Dibana noDaliwonga Nombewu, umlimi osemntsha, ozinikelayo nozibophelelayo wendawo yaseTsolo, eMpuma Koloni.

UDaliwonga unenjongo yokuba ngumlimi orwebayo kwithuba leminyaka emihlanu kwaye ufuna ukudala amathuba emisebenzi abantu abangaphangeliyo ukuze aphucule uqoqosho lweli lizwe.

Uwuqhuba phi umsebenzi wokufama kwaye ngehektare ezingaphi? Ulima ntoni?

Ndifama eGungululu kuTsolo, (kuMasipala weNda-wo yaseMhlontlo, kwiPhondo laseMpuma Koloni). Kweli xesha lonyaka ndilime iihektare ezisi-8 zombona kwaye kwixesha elizayo lokulima ndiza kuba neehektare eziyi-58 zombona, konke oko ndikwenza nenkosi yam yendawo kunye nabahlali, abandabele iihektare eziyi-50 emhlabeni osowu-neminyaka eyi-25 ungasetyenziswa.

Zinto zini ezikukhuthazayo?

Ndikhuthazwa ngumama wam. Uziphilisa ngokulima imifuno nombona emhlabeni weehektare eziyi-2,5. Ndikhule ndimcedisa ngokutyala nangokuncenkceshela (ngesandla) yonke imihla ukuphuma kwesikolo.

Chaza imiba onamandla kuyo nobuthathaka kuyo

Imiba yamandla: Amandla ndiwafumana ekuzinikeleni nasekuzibopheleleni kwishishini lokufama nasekuveliseni inzuzo. Kwakhona ndimisela imigqaliselo ngokwazabelo zamaxesha.

Imiba yobuthathaka: Ubuthathaka bam yinxasomali nokunqongophala kwezakhono zobuchule bokushishina ngokurhweba.

Sasingakanani isivuno sesityalo sakho ngoko wawuqalisa ukufama? Singakanani ngoku malunga nezo zityalo

Ndiqalise ukufama ngokuvuna iitoni ezi-3 ngehek-

tare kodwa ngoku ndivuna iitoni ezi-5 ngehek-tare.

Ucinga ukuba yintoni eyona nto ebinegalelo kwinkqubela nakwimpumelelo yakho?

Kukuthenga oomatshini nezixhobo zokusebenza nokufumana amathuba obhambathiso, zizinto ezindinike amava ezo. Amacebiso afumaneka eGrain SA ngokunjalo nezifundo zoqeqesho ezinikwayo zibe negalelo kwimpumelelo yam.

Hlobo luni loqeqesho osowulufumene kude kube ngoku iloluphi uqeqesho osalunqwenelayo?

Ndigqibe iziFundo zeNtshayelelo ngokuLinywa koMbona neziFundo zoLondolozo lweeTrek-tara kunye neziFundo ngeeKhontraktha. Ndisenomnqweno wokugqiba uLawulo lweFama kunye neziFundo ngokuGcinwa kweeNcwadi.

Uzibona undawoni kwiminyaka emihlanu ezayo? Ngaba unqwenela ukuzuzana ntoni?

Kwixesha elingangeminyaka emihlanu ndifuna ukuba ngumlimi orwebayo nokhupha ngaphe-zu kweetoni ezi-5 zombona.

Ungabacebisa uthini abalimi abasaqalayo abanomnqweno wempumelelo?

Ndisemntsha kangaka, ndinqwenela ukuba ngumzekelo omhle oza kulandelwa ngabanye ngokuthi ndiziqeshe ngokunjalo ndidale amathuba emisebenzi ukuze siphucule uqoqosho lwelizwe.

Inqaku linikelwe nguLawrence Luthango, uMququzeleli weNkqubo yaseGrain SA yoPhuhliso lwamaFama. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: lawrence@grainsa.co.za.

Iqela labahleli

GRAIN SA: BLOEMFONTEIN

Suite 3, Private Bag X11, Brandhof, 9324
7 Collins Street, Arboretum
Bloemfontein

▶ 08600 47246 ◀
▶ Fax: 051 430 7574 ◀ www.grainsa.co.za

UMHLELI OYINTLOKO

Jane McPherson

▶ 082 854 7171 ◀ jane@grainsa.co.za

**UKUMISELWA
KWABAHLELI**

Liana Stroebel

▶ 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za

UYILO, UBUME NOSHICILELO

Infoworks

▶ 018 468 2716 ◀ www.infoworks.biz



**IPULA IMVULA IFUMANEKA
NGEELWIMI EZILANDELAYO:**

isiXhosa,

IsiNgesi, IsiBhulu, iSeTswana,
iSesotho, iSesotho sa Leboa nesi IsiZulu.

**Inkqubo yeGrain SA
yoPhuhliso lwabaLimi**

ABAQUZULELI BOPHUHLISO

Danie van den Berg

Free State (Bloemfontein)

▶ 071 675 5497 ◀ danie@grainsa.co.za

Johan Kriel

Free State (Ladybrand)

▶ 079 497 4294 ◀ johank@grainsa.co.za

▶ e-Ofisini: 051 924 1099 ◀ Dimakatso Nyambose

Jerry Mthomboti

Mpumalanga (Nelspruit)

▶ 084 604 0549 ◀ jerry@grainsa.co.za

▶ e-Ofisini: 013 755 4575 ◀ Nonhlanhla Sithole

Naas Gouws

Mpumalanga (Belfast)

▶ 072 736 7219 ◀ naas@grainsa.co.za

Jurie Mentz

KwaZulu-Natal (Vryheid)

▶ 082 354 5749 ◀ jurie@grainsa.co.za

▶ e-Ofisini: 034 980 1455 ◀ Sydwell Nkosi

Ian Househam

EMpuma-Koloni (Kokstad)

▶ 078 791 1004 ◀ ian@grainsa.co.za

▶ e-Ofisini: 039 727 5749 ◀ Luthando Diko

Lawrence Luthango

EMpuma-Koloni (Mihathala)

▶ 076 674 0915 ◀ lawrence@grainsa.co.za

▶ e-Ofisini: 047 531 0619 ◀ Cwayita Mpoty

Liana Stroebel

ENtshona-Koloni (Paarl)

▶ 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za

▶ e-Ofisini: 012 816 8057 ◀ Melercia Kotze

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)

▶ 082 877 6749 ◀ dutoit@grainsa.co.za

▶ e-Ofisini: 012 816 8038 ◀ Lebo Mogatlanyane

Vusi Ngesi

Eastern Cape (Maclear)

▶ 079 034 4843 ◀ vusi@grainsa.co.za

▶ e-Ofisini: 012 816 8070 ◀ Sally Constable

UMNTU OMTSHA ONGUYE – kwaye usemagqabini kungoku nje!

Uxhalabile? Unodano? Ukhathazekile? Unoval? Akunamdlala? Sonke siba nazo ezinye zezi mvakalelo ngamanye amaxesha nokuba zezinye. Uphando lubonise ukuba abasebenzi abaneengxaki babangela abaqeshi babo ilahleko engange 20% ukuya kwi 25% yengeniso yonyaka yabo ngenxa yelahleko yemveliso.

Sithetha ukuthini xa sithetha ngeemvakalelo ezisempilweni entle kwaye kutheni oko kufanele ukubaluleka kuwe?

Abantu abaninzi bacinga ngolu hlobo “Ndinje kaloku mna” okanye “Ndingca ukuba ndakuhlala ndinje, kuba ndilungile ngolu hlobo”. Abanye abantu bakholelwa ekubeni impilo yeemvakalelo ngumnqweno ongekho kufutshane ofunwa ngabantu abaninzi, kodwa bambalwa kakhulu abafikelelayo kuwo!

Impilo okanye impilontle yeemvakalelo kukuba noxolo olupheleleyo malunga nawe, ngento oyenzayo, nalapho uya khona, njengomntu oye-dwa nanjengomntu okubudlelwane nabanye abakufuphi kuwe – kanti nakwindawo yempangelo!

Kuxa umntu eziva eseluxolweni malunga nokudlulileyo, okwangoku nokwexesha elizayo lobomi bakho.

Ubomi abufanelanga kuba ziimvakalelo zeentsizi. Kanti kwelinye icala baninzi abantu abacinga ukuba impilo yeemvakalelo ifumaneka ngendlela eqhelekileyo njengempilo yomzimba. Umntu ufanele “ukondleka” akhathaleleke kakuhle emoyeni, kwiimvakalelo nasengqondweni.

Ukungaphili kakuhle ngokweemvakalelo (ukuziva “ungonwabanga”) ukuba uyakukhuthaza kusenokukhokelela kwiimeko ezilandelayo:

- Ukungayi emsebenzini;
- Umgangatho wokusebenza onganelisiyo;
- Ukungakwazi ukuzikisa ingqondo;
- Ukungakhuthazeki nokungabi namandla;
- Ukudinwa okungapheliyo nokuhlala ukrokra;
- Iziphumo ezingathandekiyo zonxibelelwano nobudlelwane emsebenzini;
- Ubusela nobuqhetseba;
- Ukugqabhuka kweemvakalelo nesimilo esingafanelekanga; kananjalo
- Ukugxothwa okukholisa ukuba khona nokuqeshwa kwabasebenzi abatsha endaweni yabo.

Kumanqaku alandelayo siza kuthatha uhambo nawe ukuze sifikelele kweyona ndawo iphakamileyo yempilontle yeemvakalelo zakho. Siza kuba litikiti lakho lempilo yakho entle yeemvakalelo!

Uhambo lwethu olusingise emntwini onguye wempilo entle luza kuqala lujonge kwindlela oziphatha ngayo xa ukwimeko yempixano ebomini bakho kunye nefuthe layo kuwe – ekhaya nakwindawo yempangelo. Unxibelelwano luqaliswa nguwe luze lupheliswe nguwe.

Owesibini umba esiza kuwuqwalasela ngowokusetyenziswa kwezinyobisi nezizathu ezenza ukuba sizive sibhetele emva kweso siselo naxa iingxaki zethu ziba ngathi sezandile ekuseni. Siza kukunika amacebo onokuphephela kuwo nanokukunika isiqabu xa usiva ngathi kunzima.

Okwesithathu, siza kugqalisela kubudlelwane obuphilileyo phakathi kosapho nefuthe lesimo sakho seemvakalelo kusapho lwakho, ngokunjalo nangenye indlela.

Umba wesithathu kolu hambo uza kuqwalasela indlela esivalawula ngayo amanqanaba enkxalabo...ewe, inkxalabo inako ukulawuleka!

Okokugqibela, ukuqinisekisa isimo seemvakalelo esinempilo entle kukwathetha ukuba uyithathela ingqalelo nemeko yakho yemali. Kaninzi xa uziva ungenamandla awaneleyo oko kunokunxulunyaniswa nendlela oyibona ngayo imeko yakho yemali ngoku.

Zidibanise nathi kolu hambo lungumngaliso ukuze sibe semagqabini...impilo entle yeemvakalelo nawe ungaba nayo – masenze kwenzeka!

I-PROCARE ngumbutho wabucala wesizwe weengcali zeendlela zokuziphatha-entlalweni. Iqela le-PROCARE liqwalasela imibandela yokuziphatha-entlalweni ngokweenguqu-nguquko, ngokweyantlukwano nanxazonke. I-PROCARE inika uluhlu olubanzi lweenkonzo zeengxoxo-macebiso, iinkqubo zoqeqesho nezezakhono zobuchule bobomi.

Inqaku linikelwe nguPetra Nel wasePROCARE. Ngochwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: petra@procare.co.za okanye qhagamshelana nePROCARE apha 0861 7762273 okanye apha 021 873 0532.



THIS PUBLICATION IS
MADE POSSIBLE BY THE
CONTRIBUTION OF
THE MAIZE TRUST